URhulumente weNtshona Koloni
NGOWAKHO
UkuHlaliswa koLuntu

HOME WISE



# INKQUBO YOKUPHUCULWA KWEENDAWO EZINGAMATYOTYOMBE (UISP)







# INKQUBO YOKUPHUCULWA KWEENDAWO EZINGAMATYOTYOMBE (UISP)

## 1 OKUFUMANAYO

Le nkqubo ikwenza ufikelele kwistendi esinikwa iinkonzo kwindawo enamatyotyombe. Isiza esinikwa iinkonzo sihlanganisa isiqingatha somhlaba esifikelela kumanzi, ugutyulo kunye neenkonzo zombane.

Ungafaka isicelo soncedo sokwakha indlu kwistendi sakho kamva ngenye yeendlela zikaRhulumente zoncedo lwenkxaso yezindlu umzkl. uNcedo INkqubo eyaNdisiweyo yeZindlu zaBantu(EPHP) , okanye iNkqubo eHlanganisiweyo yoPhuhliso lweeNdawo zokuHlala.

## 2 OKUDINGAYO UKUZE UFANELEKE

Ulufanele olu ncedo lwenkxaso wakuba:

- Ubhalisiwe kwimbango yeenkcukacha zezindlu ezikumasipala wakho okufuphi kuwe.
- Ungummi woMzantsi Afrika okanye unempepha-mvume zokuba ungumhlali osisigxina.
- Uneminyaka eli18 nangaphezulu.
- Utshatile okanye uhlala neqabane.
- Awutshatanga okanye wohlukene neqabane lakho, unabantu abaxhomekeke kuwe ngokwemali yaye abahlala nawe (amagqhala emfazwe emfazwe angafaca isicelo noba akanabantu baxhomekeke kuwo ngokwezezimali)
- Umvuzo wakho wekhaya ngamaR3 500 okanye ngaphantsi koko ngaphambi kokuba kutsalwe.
- Awuyithengi okokuqala indlu

Izicelo ezifakwe ngaba bantu balandelayo ziza kusiwa iso ngokobume bazo nganye nganye:

1. Abantu abakhe bafumana uncedo lwezindlu ngaphambili yaye babekhe baba ngabanini-makhaya okanye banazo iipropati zokuhlala abazifumene kutshanje.
2. Abafiki abangabsemzini abanesimo sokuhlala esingaqondakaliyo ngaphantsi kweemeko ezithiwe thaca liSebe lezeKhaya.

## 3 USIFAKA NJANI ISICELO

Olu Ncedo lwenkxaso lubonelelwa ngokusekelwe kwiprojekthi hayi kumntu ngamnye. Hambela umasipala okufutshane nawe ukuze ufake isicelo solu Ncedo lwenkxaso.